Isalathiso: 20200903-7832
Inombolo yefayili: 13/16/1/2
Imibuzo: W Gordon

INgcaciso eMfutshane yoLawulo lweeMviwo: 0006/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke(*NSC*)

Isihloko: Ukubuyiselwa kwezatifikethi ze-*NSC* ezingabangwanga zeminyaka edlulileyo (ukususela ngo-1992 ukuya ku-2018)

1. Bonke abathathi-nxaxheba, kuqukwa iinqununu zezikolo zemfundo ephakamileyo/ezeesekondari, kwakunye nabaphathi bamaZiko okuFunda asekuHlaleni (*Community Learning Centres*), kufuneka bathathele ingqalelo oku kulandelayo:

   a) Zonke izatifikethi ezingabangwanga kufuneka zikhutshwe kwakhona kwaye zibuyiselwe kwaNdlunkulu emva kwethuba leenyanga eziyi-12 ukususela ngomhla wokwamkelwa kwazo ngamaziko(*centres*); kwaye

   b) Izatifikethi zemviwo zangoNovemba 2018, ezahanjiswa ngo-2019, kufuneka zibuyiselwe kwaNdlunkulu ungadlulanga owe-30 Oktobha 2020. Le nkqubo kufuneka iphindwe ngonyaka ngamnye.

2. Izatifikethi ezingabangwanga ziya kugcinwa kwaNdlunkulu kwindawo ekhuselekileyo ithuba leminyaka emithathu, ukulungiselela ukuthathwa kwazo okunokwenzeka ngabaviwa. Ukuba azibangwanga kwithuba leminyaka emithathu, izatifikethi ziya kutshatyalaliswa.

3. Ukongeza koku kungentla, abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo kufuneka kananjalo bathobele imiqathango, imigaqo-nkqubo nemiyalelo ka-Umalusi ngokuphathelele koku kulandelayo:

   c) Izatifikethi ezingabangwanga kufuneka zibuyiselwe emva konyaka omnye zikhutshiwe ezikolweni.

   d) Izatifikethi kufuneka zithathwe njengezixabiseke kakhulu kwaye mazigcinwe ngokunqatyisiweyo ngalo lonke ixesha kwaye,

   e) Abaviwa kufuneka baziswe xa izatifikethi zikulungele ukuthathwa kwaye ukuhanjiswa kwazo kufuneka kwenziwe phantsi kwemeko ezikhuselekileyo.

4. Kucelwa ukuba izikolo zizibuyisele kwaNdlunkulu izatifikethi ezingabangwanga zibhalwe ngokucacileyo ngolu hlobo lulandelayo:

   UNCLAIMED CERTIFICATES FOR ATTENTION:
   Mr Werner Gordon
   Directorate: Examinations
   5th Floor, Room 503
   Grand Central Building
   Lower Plein Street
   CAPE TOWN
   8001

5. Apha kuqhotyoshelwe iSatifikethi soKucoca konke (*Clearance Certificate),* emasizaliswe sisikolo ukuqinisekisa ukuba zonke izatifikethi zeminyaka echaziweyo zisusiwe kwaye zibuyiselwe kwaNdlunkulu.

6. Imibuzo emalunga nokubuyiswa kwezatifikethi ezingabangwanga inokuthunyelwa kuMnu Werner Gordon, kule dilesi ye-imeyili: Werner.Gordon@westerncape.gov.za okanye kule nombolo yefeksi 021 461 5637.

7. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu kulo mba.

ISAYINWE: NGU-T SINGH
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-09-04